



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

IZINQWANQWADO

UXWEBHU LWEMIBA 6

UPHENGULULO X, 13 JULAYI 2016

Izinqwawqawdo ziphakanyiswa ukutsalela ingqalelo yeGosa eloNgameleyo kwizityholo zokwaphulwa kwemigaqo yeMithetho eSisigxina okanye iimvumelwano ezisekiweyo ngexesha lengxoxo-mpikiswano.

AMalungu anelungelo noxanduva lokuthi kwangoko, nanini na isityholo solwaphulo lomgaqo sisenzeka, aphazamise iLungu elithethayo aze acacise okungaqhelekanga ngokucaicileyo kwiGosa eloNgameleyo.

AMalungu akanakho ukucacisa izinqwanqwado zawo ngendlela yeentetho ezinde kwaye, ngokwenza njalo, adlala ngexesha leNdlu. Ingqalelo yeGosa elongaMeleyo mayitsalwe ngoko nangoko kulwaphulo lomgaqo wemithetho ngexesha lusenzeka ngapha koko umcimbi weNdlu uza kuba ugqithile kwinqanaba apho ulwaphulo lomgaqo luza kuba lufanelekile.

ILungu eliphakamisa isinqwanqwado kufuneka lixele umthetho ofanelekileyo. Ukuba iLungu liyasilela ukubonelela ngocaphulo olufanelekileyo, iGosa eloNgameleyo lingaliyalela ukuba lenze njalo.

AMalungu akanakho ukuphakamisa izinqwanqwado okanye aphazamise iGosa eloNgameleyo xa lithetha neNdlu.

IGosa eloNgameleyo lihozana kuphela nezinqwawqawdo xa zivela ngqo kwaye kungacingelwa nokuba aliya kugweba kwisiphakamiso esingaqinisekiswa somgaqo. IGosa eloNgameleyo akumelanga lilinde iLungu ukuba litsalele ingqalelo yalo kulwaphulo lomgaqo wemithetho kodwa malihoyane nombamba njengoko usenzeka.

AMalungu awavunyelwanga ukuba aphakamisa izinqwanqwado zemfeketho okanye aziphakamise ngomoya wempoxo. AMalungu aphakamisa izinqwanqwado esazi ngokupheleleyo ukuba izinqwanqwado aziphakamisayo ayizo zinqwanqwado zinyanisekileyo, asesichengeni sokungananakwa nguSihlalo xa ephakamisa izinqwanqwado ezinyanisekileyo.